
**EXAMINATIONS AND ASSESSMENT CHIEF DIRECTORATE**
Home of Examinations and Assessment, Zone 6, Zwelitsha, 5600
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website:** www.ecdoe.gov.za

# 2018 NSC CHIEF MARKER'S REPORT

| | | |
|---|---|---|
| **SUBJECT:** | | **ISIXHOSA HL** |
| **PAPER:** | | **2** |
| **DURATION OF PAPER:** | | **$2^1/_2$ HOURS** |
| **DATES OF MARKING:** | | **1 – 14 DECEMBER 2018** |

**Section 1:** General overview of Learner performance in the question paper as a whole

- Kuluvuyo ukufumana eli thutyana lokwenza le ngxelo ngeli phepha lesiBINI LikaNovemba 2018. Kungakuhle ke ngoko ukuba ifundwe kunye nephepha lemibuzo. Imibuzo yeli phepha ili-17. Unobangela woko kukuba imibuzo isekwe kwiincwadi ezisixhenxe, eyemibongo, ezintathu zeNoveli, uNcwadi lwemveli kunye nezimbini zeDrama.
- Kwezinye izikolo uyacaca umqela owenziwe lucweyo namava ootitshala abaxhotyiswe kwingxelo ka2017 nanjengoko bekuqale ngoko ukwenziwa kwezi ncwadi zintsha.
- Kubanjwa ngazibini kwabo titshala baye bakukhuthalela ukuhlalutya ezi ncwadi besebenzisa izixhobo zohlalutyo loncwadi nezakhono zabo. Indima yabo iyaqapheleka kubafundi babo abaye bagqwesa. Kungosizi ukuvakalisa ukuba kusekho izikolo ebonakala luzizi into yokuba bayifumene le nyhweba yokufundiswa ngenyameko izixhobo zohlalutyo abafundi. Konke oku kuthethwa apha kudizwa yile graf ingezantsi, yijongisise




| | L1 | L2 | L3 | L4 | L5 | L6 | L7 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 2018 | 6.8 | 7.8 | 15.1 | 26.5 | 26 | 15 | 4.2 |
| SAMPLE 2018 | 16 | 13 | 21 | 0 | 19 | 17 | 14 |
| 2017 | 6.6 | 6.9 | 19.1 | 27.5 | 25.2 | 11.7 | 2.9 |
| 2016 | 5.5 | 8.1 | 14.5 | 21 | 22.6 | 18.2 | 9.9 |

- Kukho ukuqhwalela kwezinye izikolo, loo nto siyibona ngebathwana labafundi abawa kuLevel 1 no 2, oko kutsho abangaphumelelanga kwaphela. Kusekho ukugqwidiza ekukhetheni imibuzo. KwiCandelo A kusekho abafundi abangawuphenduliyo umbuzo 5 ongumbuzo onyanzelekileyo. Bakhetha imibuzo emithathu kwimibongo efundisiweyo nto leyo eyenza baphulukane namanqaku ali-10, bambi bathi bengakhethanga kakuhle kwiCandelo A baphinde bakhethe imibuzo emifutshane yomibini kwiCandelo B nakwiCandelo C baze bakorekishwe umbuzo wokuqala kuphela kwisibini abasibhale kwiCandelo B nokwiCandelo C.
- Kuyenzeka ukuba abanye abafundi endaweni yokuphendula umbuzo bakhuphele izicatshulwa njengoko zinjalo ingakumbi kumbuzo omde,

bakhuphela ezi zicatshulwa zemibuzo emifutshane..

- Imibuzo imi ngolu hlobo lulandelayo :

| UMBUZO | ITEKISI / INCWADI |
|---|---|
| **ISIHOBE** | |
| Q1 | Umkhosi wemidaka |
| Q2 | Umyolelo wexhego |
| Q3 | Intliziyo |
| Q4 | Ithemba |
| Q5 | Iminwe |
| **INOVELI NONCWADI LWEMVELI** | |
| Q 6 -7 | Inkawu idliw'ilila |
| Q 8- 9 | Nyana wam Nyana wam ! |
| Q 10 – 11 | Ukhozi olumaphiko |
| Q 12 -13 | Uncwadi lwemveli |
| **IDRAMA** | |
| Q 14 – 15 | Buzani kubawo |
| Q 16 – 17 | Indlal'inamanyala |

Lo mzobo ungezantsi ubonisa izinga lokukhetha imibuzo kubafundi abali- 100 :

Xa ujonga lo mzobo ungentla uyakwazi ukubona ukuba abafundi abaninzi bazamile ukuqokolela amanqaku kwiDrama, ingakumbi kwincwadi uBuzani kubawo. Imibuzo emide bayizamile kunale mifutshane. Bambalwa abafundi abakhethe umbuzo omde kwiCandelo A. Ekhulwini asinabo abafundi abaphendule uNyana wam Nyana wam kunye noKhozi olumaphiko . Umbuzo 8 woncwadi lwemveli akukho mfundi uwukhethileyo ukanti nabo bakhethe umbuzo 9 kuyacaca ukuba basebenzisa ulwazi nje lwabo bengalufundiswanga olu ncwadi.

**Section 2:** Comment on candidates' performance on individual questions (Detailed explanations must be provided **per question** as follows: (You may include sub questions where necessary)

**ICANDELO A**

**UMBUZO 1 : Umbuzo omde**

**Imikhosi yemidaka : Uphicotha imiqolo ngenjongo yokukhuthaza**

- Kubafundi abali – 100 abachongweyo li – 11 kuphela elikhethe lo mbuzo. Nabo bawukhethileyo abenzanga kakuhle..Abo bawukhethileyo lo mbuzo babonakala bengawuvanga kakuhle umbuzo.
    - Kukho abasuka bagxile kwisakhiwo sangaphandle sombongo uwonke bangayisiso le miqolo ibhalwe ngqindilili, bangaphenduli umbuzo.
    - Abanye abafundi basuka bashwankathele umbongo wonke bangachaphazeli miqolo ibhalwe ngqindilili.
    - Abanye abafundi bakhuphela umbongo unjengoko unjalo bangazihluphi ngakutolika nto.
    - Kukho ababonakala bengawazi kakuhle kwalo mbongo abathi kukho iinkomo ezibiweyo, ze balandele lo mrhiba wokubiwa kweenkomo kungabikho nto idibanisa nomxholo walo mbongo.

**UMBUZO 2, 3 no-4**

2.1, 3.1, 4.1. Basekhona abafundi abangayaziyo injongo yokusetyenziswa kwemvano- siphelo. Abanye abafundi bathi iyagxininisa , bambi banika intsingiselo yomqolo, loo nto yenza baphulukane namanqaku ama-2 kumbuzo ngamnye kwisibini asikhethiyo kweli Candelo A.

2.2, 3.2, 4.2. Bakhona abafundi aboyisiweyo kukunika intsingiselo yemiqolo, Endaweni yokunika intsingiselo basuka bakhuphele amagama akumbongo enjengoko enjalo.

Umzekelo 2.2 athi ; Makaphulaphule ukuze ilizwe lingamhambisi ze koko kwabelwana naye azuze.

3.2 Umkhonto ololwe walubengu udala amanxeba afana nawentliziyo. Loo ndlela yokuphendula ibaphulukanisa namanqaku.

2.3, 3.3, 4.3. Umbuzo uthi ; Xela isafobe uchaze ukuba siphuhlisa ntoni .

Basekhona abafundi abangenalwazi luphangaleleyo ngezafobe kunye nezikuphuhlisayo

Kumbuzo 2.3 Abanye abafundi bathi sisifaniso kuba kufaniswa umntu nesilwanyana.

Bakho abanofifi lweqhalo elithi “ingcuka eyombethe ufele lwegusha” loo nto yenza bathi kuthethwa ukuba lo nyana ze angabinamaqhinga.

3.3 Baninzi abasichanayo isafobe kodwa basilele ukuchaza okuphuhliswa siso .

4.3 Abo basichanayo esi safobe basilela ekuchazeni esikuphuhlisayo. Basuka baphikise oku kucatshulwe kumbongo , bathi, “ Hayi ke noko

akade afe umntu ongenathemba"/ loo nto ayisoze ide yenzeke.

2.4, 3.4, 4.4. Abafundi bayasilela ekukhupheni umongo wombongo. Basuka babalise umbongo okanye bachonge istanza/ umqolo omnye ukukhupha umongo. Abanye abafundi babhidanisa umongo kunye nemfundiso. Abanye baphinda banike isihloko esi sombongo. Umzelelo umfundi athi Umyolelo wexhego ; Intliziyo yam ; Ithemba, ukanti kule mibuzo bekufunwa umongo wombongo uwonke hayi owestanza njengoko besenza abafundi.

2.5, 3.5, 4.5. Bakhona abafundi abasileleyo ukuphendula umoya wembongi. Kukho abafundi abasathi umoya wembongi uphantsi, uphakathi, uphezulu. Kunzima ukungqamanisa umoya nesigama esisetyenziswe yimbongi. Xa ewuchanile umoya wembongi angakwazi ukuzixhasa ngokufanelekileyo, loo nto yenze alahlekelwe ngawo omabini amanqaku.

**UMBUZO 5**

5.5 Abafundi abaninzi bawuzamile lo mbuzo ngaphezu kwale mine ibifundiswe eklasini. Loo nto ibonisa ukuba abafundi baye bakhululeka kulo mbuzo. Basekhona abafundi abangakwaziyo ukusiphuhlisa isafobe bona baxela udidi lwaso kuphela.

**ICANDELO B.**

**UMBUZO 6 ISINCOKO SONCWADI**

Isincoko soncwadi asiphendulwanga ngokulindelekileyo kuba bakhona abafundi abohlulakeleyo ukutolika isaci esakhe umbuzo. Abanye abafundi abawufundisisi umbuzo basuka babalise incwadi begxila kwiziganeko ezingangeni ndawo kumbuzo. Umzekelo agxile kwindima kaThantaswa, kungabikho nto inxulumana noMapheza. Kukho imbinana yona egxila kwisakhiwo sebali, de ibhale nezihlokwana, isilele ke ngoko ukuphendula lo mbuzo.

Bakhona abafundi abakhuphela izicatshulwa ezikumbuzo 7 xa bephendula lo mbuzo. Oku kubonisa ukuba abayifundanga incwadi. Abafundi abayifundileyo incwadi bawuzamile lo mbuzo.

**UMBUZO 7**

Abafundi baphendule kakuhle kule mibuzo ilandelayo

7.1, 7.2, 7.3, 7.4, 7.5, 7.7 & 7.10. Ikhulu labafundi elichongiweyo lifumene i-avareji engaphaya kuma-50% kule mibuzo.

Abafundi abaqhubanga kakuhle kule mibuzo ilandelayo:

7.6. Abafundi abakwazi ukuthelekisa amandla kaMfezeko noMfuneko, basuka bagxile kumlinganiswa omnye kuphela. Abanye bathi akalingani amandla kodwa impendulo yabo ingaphuhlisi kungalingani kwawo Umzekelo; athi akalingani kuba bangamapolisa bobabini.

7.8, Abafundi abaninzi bohlulekile kukutyhila isigqebelo, baphelela ekuthini uMfuneko woyika ukufa ngokudutyulwa bangasivezi isenzo sakhe kuMsindisi okanye bangakunxulumanisi oku kudutyulwa kwakhe nenxaxheba yakhe ekudutyulweni kukaMsindisi.

7.9, Uninzi lwabafundi luyawubona umqondiso wobubi kodwa bohluleke kukuza nesiganeko esilandele lo mqondiso koko bachonge isiganeko sokufa kukaMsindisi esisekuqaleni kwincwadi Umqondiso utyhila into esaza kwenzeka bona bathetha ngento eyenzeka ngoku neyenzeka kudala.

7.11. Ubabethe kakhulu lo mbuzo abafundi, uninzi lwabo luthi yintlekele lutsho luzixhase, bambi bathi yintlekele- siyolisi . Kuyabonakala ke ukuba bayalubhidanisa udidi loncwadi iNoveli neDrama.

Abafundi bafumene amanqaku angama-64% kulo mbuzo.

**UMBUZO 8, 10 : Nyana wam, Nyana wam & Ukhozi Olumaphiko**

Malunga nesi-2 ekhulwini sabafundi esiphendule le mibuzo baze baphendula ngokuncomekayo. Abaphendule uncwadi lwemveli umbuzo-12 abaqhubanga kakuhle konke konke.

Kumbuzo we-9 nombuzo we-11. Kwimibuzo 9.6, 9.8, 9.9, 9.11.; 11.6, 11.8; 11.9; 11.11 abafundi abaphendulanga kakuhle.
Abafundi abakhethe Uncwadi lwemveli baphendule umbuzo 13 kuphela nto leyo ediza ukuba abakhethanga ncwadi bayifundisiweyo koko bayitsibele ngokubona ukuba ikhangeleka ilula bangayiphendula besebenzisa ulwazi nje gabalala. Loo nto yenza baphulukana namanqaku.

**(b) Why the question was poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.**

**ICANDELO A.**
Endaweni yokuphicotha intsingiselo yemiqolo njengoko kulindelekile baphendula gabalala. Abanye abafundi baphinda imiqolo njengoko injalo. Kuphawuleka oku kuyo yonke imibuzo emide.

2.2, 3.2, 4.2. Yonke imibuzo efuna intsingiselo abakwazi ukuyitolika ,baphela bephinda kwa-amagama akwimiqolo yesicatshulwa sombongo. Oku kubonisa ukusilela kwisakhono sokuhlalutya umbongo nokutolikwa kwemiqolo.

2.3, 3.3, 4.3. Basekhona abafundi abangazaziyo izafobe nokuziphuhlisa.

Ukubangaba baye bakwazi ukusichonga abakwazi ukusiphuhlisa.

2.5, 3.5, 4.5. Abafundi abaxhasi ngokucaphula isigama esihambelana nemvakalelo yembongi.

**UMBUZO 5**

5.5. Basekhona abafundi abangakwaziyo ukusiphuhlisa isafobe bona banika udidi olungachanekanga.

**ICANDELO B**

**UMBUZO 6**

Abafundi bacinga ukuba igama u'mzingisi' ngomnye wabalinganiswa bencwadi. Ukungaqiniseki ngabalinganiswa kubenze babhidanisa iziganeko ezinxulumene noMfezeko neziganeko zikaMfuneko Bambi babhididanisa indima kaMfezeko nekaMfuneko. Basebenzisa abalinganiswa bedrama kwinoveli umzekelo umlinganiswa onguMagrazula kwidrama bamenza uSiphongo kwinoveli. Bakhona abafundi abakhuphela isicatshulwa esikumbuzo 7 xa bephendula lo mbuzo.

Oku kubonisa ukuba abayifundanga incwadi.

**UMBUZO 7**

7.6. Abafundi abakwazi ukuthelekisa amandla kaMfezeko noMfuneko. Iimpendulo zabo zigxila kwicala lomlinganiswa omnye. Oku kubangele ukuba bangawafumani amanqaku.

7.8. Abafundi bavelela icala elinye elingabonisi bugqebelo besivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. Abanye abafundi bade basilungise 'isigqebelo' bathi "isigqibelo" becinga ukuba yimpazamo. Oku kubonisa ukuba khange basifundiswe.

7.9. Abafundi baphendule ngokombuzo ofuna baxhase ngokwenoveli, sabe isikhokelo sokumakisha silindele isiganeko esilandela

isicatshulwa. Umzekelo baxhasa ngokubulawa kukaMsindisi ngooSixaki; sabe isikhokelo sifuna ukubulawa kukaMfuneko nguThantaswa nokuzibulala kwakhe.

7.11. Abafundi banikezela iimpendulo zeendidi zedrama: intlekele/ intlekele siyolisi. Abanye basebenzisa iindidi zemibongo, bathi yinoveli echazayo/ indumasiso/ isonethi/ eleji/ inoveli ebalisayo. Oku kubonisa ukuba khange bazifundiswe iindidi zenoveli. Oku kuxhaswa nakubantwana besampuli abali-68 abaphendule lo mbuzo abafumenanga manqaku.

**UMBUZO 12**

Abafundi abaphendule lo mbuzo basebenzise isicatshulwa esikumbuzo we-13 njengempendulo yalo mbuzo.

**UMBUZO 14 & 16**

Basenzisa iingongoma ukuphendula isincoko soncwadi. Ngongoma ezo zingahambelaniyo nempendulo elindelekileyo. Umzekelo basebenzisa amanqanaba esakhiwo sebali enjengoko enjalo.

Ukubalisa kwabo ibali kwenza ukuba bangawafumani ngokupheleleyo amanqaku.

Kwimibuzo enengxaki-

15.1 &17.1. Abafundi babhidwe ligama ‘ukufunza’ bathi ‘uZwilakhe ujonge ukunyanzelisa uGugulethu ngomfazi kuba elawula ekhusela ubutata bakhe’

15.2 & 17.2. Abafundi abakwazanga ukudlulisa umyalezo wokungafuni ukujika kwisigqibo sakhe uZwilakhe, suka bathi ‘abonakalisa ukoyika nokothuka. Abanye baphendula ngesiphelo sikaGugulethu endaweni

| |
|---|
| kaZwilakhe.<br>15.3 & 17.3. Bagxila ekufeni kwabantu abaninzi endaweni yokuza nale kaZwilakhe nekaGugulethu.<br>Bathi 'into yokunyoba ayibalulekanga kuba umntu uphetha selahlekelwa zizinto ezininzi.<br>15.4 & 17.4. Abafundi babethwe kukungazi inqanaba, ukungakwazi ukulichaza inqanaba nomzekelo wesiganeko esixhasa inqanaba elo. Bathi kwinqanaba langoku kuba kuyanyotywa kule mihla xa kufunwa umsebenzi.<br>15.5 & 17.5. Abazazi iindidi zabalinganiswa oku kungqinwa ziimpendulo ezithi 'ngumlinganiswa wentloko kuba zonke iziganeko zingqonge yena.' Abanye bathi 'ngumsunguli ongumchasi'<br>15.7 & 17.7. Bambi bazibhidanisa nesakhiwo sangaphandle nesangaphakathi sombongo ngokuthi yidrama yangaphandle nedrama yangaphakathi. Bambi bathi 'sisiyolisi nentlekele'<br>15.10 & 17.10. Abasazanga isimo sentlalo, bathi sisimo sangaphandle. Abanye abakwazi ukuzixhasa ngokwesicatshulwa, basuke bazixhase ngokwencwadi.<br>15.12 & 17.12. Endaweni yokuba bathi 'uyanikezela' bona bathi ' uvakalelwa kabuhlungu kuba amazwi la awathethayo achaza ukuba ithoni yakhe iphantsi. |
| |

| **(c) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning** |
|---|
| Makuqhelaniswe abafundi nolwimi loncwadi ngokwahlukana kweejenra umzekelo: kwimibongo kuthethwa ngokudala isingqisho hayi 'ukwenza' isingqisho; kuthethwa ngembongi hayi 'umbhali' njalo njalo. |

| |
|---|
| Mabaqhelaniswe nemibuzo efuna ukuba bathelekise, banikezele intsingiselo yemiqolo namagama/ isivakalisi.<br>Makubethelelwe ukusuka kwiimpendulo ezifana nomoya ophantsi nomoya ophezulu xa kubuzwa umoya wembongi. Bekwafundiswa kanjalo ukuchonga isigama ukuzixhasa. |
| Makubethelelwe ukulazi ibali, ukulandelelana kweziganeko, amanqanaba, isakhiwo nesakhiwana, imixholo nemixholwana. Makusetyenziswe imibuzo efuna izixhobo zohlalutyo loncwadi, ukodlula ezo zifuna izimvo zabo. |
| Mabafundiswe indlela yokubhala isincoko soncwadi iimbumbulwana neengongoma azamkelekanga. |
| Makulandelwe isikhokelo sokusetwa kwemibuzo ngakumbi xa kusetwa umbuzo omde woncwadi lwemveli. |
| Isikhokelo sokumakisha masingabi nesigama esintsonkothileyo ukuze kube lula ukusisebenzisa. |
| Abafundi mabafundiswe iindidi zeNoveli nezeDrama. |

| **(d) Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.** |
|---|
| Ngokweempendulo zabafundi kubonakele ukuba abafundi abasazi isigqebelo, iindidi zenoveli, umahluko phakathi kodidi lomlinganiswa nomlinganiswa onjani, iimpawu zedrama, isimo sentlalo, amanqanaba  esakhiwo, izafobe kwimibongo nomoya wembongi. Oko kufuna ukuba ootitshala bagxininise ekufundiseni zonke izixhobo zohlalutyo loncwadi njengoko kulindelekile ngokukaCAPS. |
| |

Okuqaphelekileyo kubafundi kukungazazi iincwadi zabo. Oku kuthi ootitshala mabakhangele isakhono abanokusisebenzisa ukukhuthaza abafundi ukuba bazifunde, bazihlalutyele iincwadi. Umzekelo: mabasoloko benikwa isizathu sokufunda, bafunde incwadi badwelise iziganeko ezisencwadini; abo baqonda kade kwisahluko bajonga iziganeko nabalinganiswa.

Xa kuhlolwa abafundi kwimisebenzi engekho sikweni makugxilwe kumazinga engqiqo kwayanywe kwindlela amaphepha adlulileyo abuze ngayo. Kungakuhle ukuba kungakhuthazwa ootitshala bafundise uncwadi hayi incwadi. Abafundi mabafundiswe iimpawu zohlalutyo bangenzelwa ngootitshala koko banikwe ithuba lokuzichonga ngokwabo encwadini loo nto ke ilula xa incwadi ihlalutywa sebegqibile ukuyifunda.

**ABACEBISI**

Mabathi gqolo bendwendwela izikolo ukujonga iincwadi zabafundi kugxilwe kwimisetyenzana engekho sesikweni kubethelelwa zonke izixhobo zohlalutyo. Ubungqina bokugqitywa kwemibongo mabubonakale kwincwadi yomfundi.

Abacebisi mabaqinisekise ukuba bonke ootitshala abafundisa isiXhosa baya vuselelwa kwiindlela zokufundisa kungasoloko kusiya utitshala omnye.

Makuqinisekiswe ukuba ootitshala abafundisa isiXhosa kumabanga 10, 11 nele-12 bakuqeqeshelwe ukufundisa isiXhosa, hayi nawuphi na othetha isiXhosa.

**Teacher development**

Iititshala ezineminyaka emibini ukuya kwemithathu mazithi gqolo ukubizelwa kumaziko okuvuselela nokunyusa ulwazi lootitshala.

Isifundo isiXhosa ulwimi lwasekhaya malubandakanywe kwizifundo ezongezelelweyo  ngakumbi xa sibona ingxaki ekweli phepha lesiBINI.

MAZENETHOLE

ADDENDUM A

| | | | ANALYSIS OF RESULTS : ISIXHOSA HL PAPER 2; DECEMBER 2018 | | | | | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| EASTERN CAPE | | | SECTION A | | | | | SECTION B | | | | | | | | SECTION C | | | |
| No | Center no | Candidates | Q1 | Q2 | Q3 | Q4 | Q5 | Q6 | Q7 | Q8 | Q9 | Q10 | Q11 | Q12 | Q13 | Q14 | Q15 | Q16 | Q17 |
| 1 | 4302020 | 4183020200340 | | 1 | 3 | | 2 | 10 | | | | | | | | | | | 6 |
| 2 | 4301007 | 4183010070001 | | | 1 | 2 | 4 | | 1 | | | | | | | | | 15 | |
| 3 | 4302020 | 4183020200357 | 2 | | 2 | | | | 6 | | | | | | | 8 | | | |
| 4 | 4321106 | 4183211060004 | 3 | 4 | | | 4 | | | | | | | | | | | | 8 |
| 5 | 4321106 | 4183211060014 | | 5 | 6 | | | | 5 | | | | | | | | | | |
| 6 | 4321106 | 4183211060026 | | | 0 | 2 | 6 | | | | 5 | | | | | | | | |
| 7 | 4301008 | 4183010080125 | | | 3 | 2 | 6 | | 9 | | | | | | | | | 5 | |
| 8 | 4302020 | 4183020200358 | | 0 | 2 | | 6 | | 4 | | | | | | | | | | |
| 9 | 4321106 | 4183211060025 | | | 0 | 4 | 4 | | 4 | | | | | | | | | 5 | |
| 10 | 4301008 | 4183010080136 | | 0 | 0 | | 6 | | 10 | | | | | | | 0 | | | |
| 11 | 4301008 | 4183010080123 | | 4 | 2 | | 6 | | 5 | | | | | | | | | 10 | |
| 12 | 4301007 | 4183010070003 | | 5 | 1 | | 4 | 7 | | | | | | | | | 4 | | |
| 13 | 4321106 | 4183211060011 | 0 | 0 | | | | | 1 | | | | | | | | | | |
| 14 | 4301007 | 4183010070008 | | | 2 | 0 | 6 | | | | | | | | | | | | 6 |
| 15 | 4301008 | 4183010080121 | | 0 | 1 | | 4 | | 6 | | | | | | | | | 10 | |
| 16 | 4281044 | 4182810440080 | 2 | | 0 | | 6 | | 14 | | | | | | | 10 | | | |
| 17 | 4351049 | 4183510490008 | 4 | 1 | | | 6 | | 7 | | | | | | | | | 5 | |
| 18 | 4351049 | 4183510490023 | | 0 | 1 | | 2 | | 9 | | | | | | | 20 | | | |
| 19 | 4351049 | 4183510491125 | | | 1 | 2 | 6 | | 3 | | | | | | | 18 | | | |

| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 20 | 4261027 | 4182610270192 | | | 1 | 2 | 2 | 15 | | | | | | | | | 4 | | |
| 21 | 4341013 | 4183410130003 | | | 4 | 6 | 2 | 11 | | | | | | | | | | | 4 |
| 22 | 4341013 | 4183410130001 | | 4 | | 5 | 4 | | 12 | | | | | | | | | | |
| 23 | 4341013 | 4183410130005 | | | 7 | 4 | 6 | | 12 | | | | | | | | | | |
| 24 | 4341013 | 4183410130008 | | 4 | 3 | | 6 | | 13 | | | | | | | | | 5 | |
| 25 | 4341013 | 4183410130022 | | 4 | 4 | | 8 | | 9 | | | | | | | | | | |
| 26 | 4351049 | 4183510490010 | | 6 | | 7 | 6 | 10 | | | | | | | | | 14 | | |
| 27 | 4301007 | 4183010070010 | | 5 | 4 | | 6 | | 12 | | | | | | | 10 | | | |
| 28 | 4351049 | 4183510490028 | 2 | 2 | | | 6 | | | | | | | | | | 2 | | |
| 29 | 4301007 | 4183010070005 | | 4 | 3 | | 6 | | 8 | | | | | | | | | 17 | |
| 30 | 4301007 | 4183010070012 | 4 | 4 | | | 6 | | 9 | | | | | | | | | 10 | |
| 31 | 4301007 | 4183010070014 | | 7 | 4 | | 4 | | 5 | | | | | | | | | 10 | |
| 32 | 4301007 | 4183010070015 | | 6 | 4 | | 4 | | 8 | | | | | | | | 18 | | |
| 33 | 4351049 | 4183510490033 | 3 | | 1 | | 4 | | 5 | | | | | | | 20 | | | |
| 34 | 4351049 | 4183510490015 | | | 5 | 4 | 6 | 10 | | | | | | | | | 12 | | |
| 35 | 4351049 | 4183510490029 | | | 4 | 2 | 6 | | 11 | | | | | | | 10 | | | |
| 36 | 4281044 | 4182810440046 | 3 | 5 | | | 6 | 2 | | | | | | | | | 18 | | |
| 37 | 4351049 | 4183510490032 | | | 4 | 5 | 2 | | 7 | | | | | | | 15 | | | |
| 38 | 4351049 | 4183510490040 | | 2 | 6 | | 6 | 10 | | | | | | | | | 13 | | |
| 39 | 4351049 | 4183510490013 | | | 1 | 4 | 4 | | 5 | | | | | | | 20 | | | |
| 40 | 4351049 | 4183510490026 | | 0 | 1 | | 5 | | 10 | | | | | | | 15 | | | |
| 41 | 4351049 | 4183510490034 | | | 2 | 4 | 4 | | 7 | | | | | | | 20 | | | |
| 42 | 4351049 | 4183510490005 | | 2 | | 3 | 0 | | 14 | | | | | | | 18 | | | |
| 43 | 4351049 | 4183510490011 | | | 2 | 3 | 8 | | 9 | | | | | | | 23 | | | |
| 44 | 4281044 | 4182810440074 | | 5 | 2 | | 6 | 22 | | | | | | | | | 10 | | |
| 45 | 4281044 | 4182810440077 | | 4 | 7 | | 6 | 20 | | | | | | | | | 10 | | |

| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 46 | 4351049 | 4183510490018 | | 3 | 4 | | 4 | | 12 | | | | | | | 17 | | | |
| 47 | 4351049 | 4183510490002 | 3 | | | 6 | 4 | | 16 | | | | | | | 20 | | | |
| 48 | 4281044 | 4182810440064 | | 5 | | 4 | 6 | | 16 | | | | | | | 18 | | | |
| 49 | 4351049 | 4183510490014 | | | 3 | 4 | 6 | | 15 | | | | | | | 25 | | | |
| 50 | 4281044 | 4182810440049 | | | 3 | 6 | 6 | | 13 | | | | | | | 20 | | | |
| 51 | 4281044 | 4182810440069 | | 2 | | 7 | 6 | | 20 | | | | | | | | 17 | | |
| 52 | 4281044 | 4182810440063 | | 7 | 4 | | 0 | | 13 | | | | | | | 20 | | | |
| 53 | 4281044 | 4182810440044 | | 5 | | 6 | 6 | | 8 | | | | | | | 18 | | | |
| 54 | 4301007 | 4183010070002 | 6 | 6 | | | 8 | | 11 | | | | | | | | | 18 | |
| 55 | 4241005 | 4182410050219 | | 2 | 2 | | 8 | | 11 | | | | | | | | | 18 | |
| 56 | 4241005 | 4182410050213 | | 4 | 5 | | 8 | | 18 | | | | | | | | | 18 | |
| 57 | 4241005 | 4182410050212 | | 8 | | 4 | 6 | | 14 | | | | | | | | | 22 | |
| 58 | 4241005 | 4182410050211 | | 7 | 7 | | 6 | | 20 | | | | | | | | | 18 | |
| 59 | 4241005 | 4182410050204 | | | 5 | 4 | 6 | 20 | | | | | | | | | | | 13 |
| 60 | 4241005 | 4182410050210 | | 8 | 5 | | | 20 | | | | | | | | | | | 16 |
| 61 | 4281044 | 4182810440066 | | | 3 | 4 | 6 | | 12 | | | | | | | 22 | | | |
| 62 | 4241005 | 4182410050203 | | 5 | | 8 | 4 | | 10 | | | | | | | | | 23 | |
| 63 | 4241005 | 4182410050214 | | 4 | | 7 | 6 | | 20 | | | | | | | | | 18 | |
| 64 | 4301007 | 4183010070004 | | 7 | 8 | | 4 | | 14 | | | | | | | | | 20 | |
| 65 | 4301007 | 4183010070009 | | 5 | 4 | | 6 | 20 | | | | | | | | | | | 14 |
| 66 | 4301007 | 4183010070006 | | 7 | 4 | | 8 | | 14 | | | | | | | 20 | | | |
| 67 | 4351049 | 4183510490006 | | | 5 | 6 | 8 | | 12 | | | | | | | 20 | | | |
| 68 | 4241005 | 4182410050215 | | | 5 | 7 | 8 | 20 | | | | | | | | | | | 10 |
| 69 | 4241005 | 4182410050202 | | | 2 | 6 | 6 | 21 | | | | | | | | | | | 17 |
| 70 | 4281044 | 4182810440068 | | 8 | | 5 | 8 | 22 | | | | | | | | | 12 | | |
| 71 | 4281044 | 4182810440050 | | | 7 | 4 | 8 | 22 | | | | | | | | | 18 | | |

| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 72 | 4281044 | 4182810440051 | | | 2 | 7 | 8 | 20 | | | | | | | | | 18 | | |
| 73 | 4281044 | 4182810440060 | | 10 | | 8 | 6 | | 16 | | | | | | | 18 | | | |
| 74 | 4261027 | 4182610270181 | | | 6 | 7 | 8 | 20 | | | | | | | | | | | 15 |
| 75 | 4281044 | 4182810440049 | | | 7 | 9 | 8 | | 16 | | | | | | | 20 | | | |
| 76 | 4241005 | 4182410050206 | | 4 | | 8 | 6 | | 17 | | | | | | | | | 22 | |
| 77 | 4261027 | 4182610270162 | | 8 | | 8 | 6 | 23 | | | | | | | | | | | 17 |
| 78 | 4351049 | 4183510490001 | | 7 | 5 | | 6 | 22 | | | | | | | | | 17 | | |
| 79 | 4241005 | 4182410050216 | | | 8 | 10 | 6 | 23 | | | | | | | | | | | 17 |
| 80 | 4241005 | 4182410050207 | | 6 | | 8 | 6 | | 21 | | | | | | | | | 23 | |
| 81 | 4281044 | 4182810440067 | | 8 | 8 | | 6 | | 13 | | | | | | | 23 | | | |
| 82 | 4351049 | 4183510490012 | | | 5 | 6 | 8 | | 16 | | | | | | | 22 | | | |
| 83 | 4241005 | 4182410050205 | | | 8 | 6 | 6 | | 12 | | | | | | | | | 23 | |
| 84 | 4261027 | 4182610270163 | | | 7 | 7 | 10 | | 16 | | | | | | | | | 20 | |
| 85 | 4281044 | 4182810440071 | | | 7 | 7 | 6 | | 14 | | | | | | | 25 | | | |
| 86 | 4281044 | 4182810440045 | | 10 | | 9 | 6 | 23 | | | | | | | | | 20 | | |
| 87 | 4261027 | 4182610270173 | | 7 | | 10 | 6 | | 20 | | | | | | | | | 22 | |
| 88 | 4261027 | 4182610270177 | | 8 | | 8 | 8 | | 20 | | | | | | | | | 20 | |
| 89 | 4302020 | 4183020200322 | | 8 | 8 | | 10 | 23 | | | | | | | | | | | 16 |
| 90 | 4321009 | 4183210090007 | | | 8 | 6 | 6 | | 23 | | | | | | | 24 | | | |
| 91 | 4321009 | 4183210090010 | | | 9 | 8 | 6 | | 20 | | | | | | | 25 | | | |
| 92 | 4341013 | 4183410130025 | | | 6 | 6 | 10 | 25 | | | | | | | | | | | 19 |
| 93 | 4321009 | 4183210090014 | | 9 | | 9 | 6 | | 15 | | | | | | | 25 | | | |
| 94 | 4261027 | 4182610270165 | | 7 | 6 | | 8 | | 20 | | | | | | | | | 23 | |
| 95 | 4291064 | 4182910640205 | | | 5 | 7 | 6 | | 19 | | | | | | | | | 25 | |
| 96 | 4291964 | 4182910640222 | | 8 | | 5 | 8 | | 9 | | | | | | | | | 25 | |
| 97 | 4321009 | 4183210090004 | | | 8 | 8 | 6 | | 19 | | | | | | | 24 | | | |

